## ISIKHOKELO SOKUMAKISHA

1. Umfundi akavumelekanga ukuphendula ngaphezu kombuzo omnye kwijanra enye.

2. Ukuba umfundi unike iimpendulo ezimbini apho le yokuqala ingamkelekanga, ize le yesibini ibe yeyamkelekileyo, makisha le yokuqala **ungayihoyi** le yesibini nokuba yiyo ayiphendule kakuhle.

3. Ukuba imibuzo inonjolwe ngendlela engeyiyo, makisha ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwimemo.

4. Ukuba impazamo yopelo inika ntsingiselo yimbi kule ibilindelwe, musa ukunika inqaku kuloo mpendulo. Ukuba ayiyichaphazeli intsingiselo, nika inqaku ngokufanelekileyo.

5. Ukuba umfundi akazisebenzisanga iimpawu zocaphulo apho ayalelwe ukuba acaphule, **makangohlwaywa**.

6. **Kwimibuzo evulelekileyo**, akukho manqaku anikwa u-EWE/HAYI okanye u-NDIYANGQINELANA/ANDINGQINELANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

7. Akukho manqaku aya kwabelwa u-YINYANI/ASIYONYANI okanye LULUVO/YINYANI. Isizathu/Ukuxhasa/Ukungqina yeyona nto mayinikwe ingqalelo.

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2014 -11- 28
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2014 -11- 28
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS

## ICANDELO A: INOVELI

## UMBUZO 1

***KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela**

## ISICATSHULWA A

1.1 1.1.1 Ufuna umntu oyindoda oza kuncedisana noNomakhwezi ukuthutha impahla kuba impilo yakhe ibingasekho ntle.√ (1)

1.1.2 Kubonisa umsindo oye ukhula√/Kubonisa ukuba uLungile uya ecaphuka√/ukungayithandi√/ukudikwa. √ (1)

1.1.3 UNomakhwezi ukhalazela ukuba uLungile ufuna ibe ngabantwana bakokwabo bodwa abafumana izinto√/ukucetyiswa kukaLungile ngabanye abantu emacaleni√/uLungile akazixoxi naye izinto√/ uLungile ufika sele emyalela√/uthi uLungile umenza ngathi akanangqondo√/akabhadlanga√/akayazi into ayithethayo√/ukhalazela ukusebenza noThamsanqa. √

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

1.1.4 Kubantu acinga ukuba bacebisa uLungile√/ kubantu acinga ukuba uLungile uva ngabo√/ ubhekisa kulaa mantombazana atyhola uLungile ngokuba uthandana nawo√/ ubhekisa kubantu ababhinqileyo ababhetele kunaye√/ kubantu amana esithi uLungile uya kubo.√ (1)

1.1.5 Bayithenga kumfo kaMosia√/bayithenga√/bayithenga kumfo owayefudukela eLusuthu.√ (1)

1.1.6 (a) Impixano yangaphandle.√ (1)
(b) Yenze ukuba uNomakhwezi angamamkeli ncam uThamsanqa akufika√√/yenze ukuba uNomakhwezi amphathe kakubi uThamsanqa√√/ yenze ukuba angamthobeli uThamsanqa√√/ Unyanzelise ukuba uYolisa udadeboyise naye makeze kuncedisa kwakhe.√√ (2)

1.1.7 C Kukumjongela phantsi umfazi √/C√/Kukumjongela phantsi umfazi√ (1)

1.1.8 Yingxabano emalunga nokuba uNomakhwezi esithi uLungile ubonwe ehleli nentokazi ehotele.√ (1)

1.1.9 Usibeke kwindawo efanelekileyo kuba, uNozililo ubhubha ebonile ukuba ivenkile yakwaNtsibande ebefuna ukuyitshabalalisa yandile kwaye nemizamo yakhe yokuyifumana isuke yayilahleko kuye√√/ kuba ubhubha ebonile ukuba endaweni yokuba utshabalale umzi wakwaNtsibande usuke waqhubela phambili√√/kuba, ukuba ebebhubhe kwakamsinya ngelingaqhubekelanga phambili ibali.√√

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2014 -11- 28
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS

OKANYE

Akasibekanga kwindawo efanelekileyo k[illegible] abhubhe kanye emva kokusweleka kooLungile ukuze angaphindi aqhubeke nokuzama ukutshabalalisa umzi wakwaNtsibande.√√ (2)

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.]

1.1.10 Lifaneleke kuba uNomakhwezi akaluqondi uncedo lokuza kukaThamsanqa√√/akabuboni ubungozi bokukholelwa kwiitshomi nokuthanda iindaba naxa sele eboniswa. √√

[Nayiphi na impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

1.1.11 Yeyokuba izizalwana zimele ukuncedana√√/izizalwana zifanele ukuxhasana nokukhathalelana√√/izizalwana ziyakwazi ukuba luncedo emntwini√√/ziyakwazi ukuba kuxatyanwe ngazo.√√

[Nayiphi na impendulo echanelekileyo iya kwamkeleka.] (2)

**ISICATSHULWA B**

1.2 1.2.1 KuseLusikisiki√/kuKhamisa.√
Kukwazisa uMpumelelo kubantu baseLusikisiki kuba wayeza kusebenza phantsi kwabo√/kukwenza umbulelo kooyisemkhulu bakaMpumelelo nokuthatha amathamsanqa√ /kuvuyiswana noMpumelelo kuba efumene imfundo enomsila/ kukuya kuphalaza igazi.√ (2)


1.2.2 UNozililo uthenge ootsotsi ukuba babulale uMpumelelo.√
Kwahlatywa umtshana kaNozililo ngootsotsi ababethengwe nguNozililo ukuba babulale uMpumelelo.√ (2)

1.2.3 Umbhali ufuna ukubonisa ukundiliseka/ukuphucuka/ukuba semgangathweni ophezulu/ukungakhethi bani kweli theko ngobukho babantu basebukhosini, nabantu abakwizikhundla eziphezulu, abafundileyo nabangafundanga, abatsha nabadala√√/ ufuna ukwazisa ukuba eli theko lalilikhulu.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

1.2.4 Xa esenza iimpazamo mlungiseni√/akuphazama mnqwanqwadeni.√
Ingumntu onobuzali nobunkokeli esizweni sayo√/inenkathalo ngabantu.√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)


1.2.5 (a) … okwengcongolo.√ (1)
(b) Sisetyenziselwe ukucacisa ubude nokuncipha komzimba wolu fafa kuthethwa ngalo.√ (1)

1.2.6 UNtongana uncedisene noNozililo ekwenzeni amayelenqe akhokelele ekufeni kukaLungile noNomakhwezi.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

1.2.7 UNozililo noNtongana basweleke ngokutshela endlwini, noNomakhwezi noLungile batshela emotweni basweleka√√/ kabuhlungu√√/ ingulowo usweleke nomlingane wakhe.√√ (2)

1.2.8 NguNozililo kuba nguye othuthele uNomakhwezi iindaba zobuxoki ngoLungile ngeenjongo zokubaxabanisa, wathi ngenxa yomsindo uNomakhwezi wawisa imoto, yatsha, basweleka.√√

OKANYE

NguNomakhwezi, kuba kukuthanda kwakhe ukumamela iindaba aziphathelwa ziitshomi, azikholelwe, okwenza ukuba abe nomsindo de awise imoto, itshe bekuyo, basweleke.√√ (2)

1.2.9 Wenze uMpumelelelo ukuba aphuphe ebizwa ngooyisemkhulu ukuba aye kusebenza eLusikisiki, okuye kwasisiphumo kukuba nyhani asithathe isigqibo sokuya kuba ngugqirha khona esikrobisa kokuza kuhla kamva ebalini.√√.

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[35]**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2014 -11- 28
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS

## UMBUZO 2

***UMQOL'UPHANDLE* – PM Ngani**

**ISICATSHULWA A**

2.1 2.1.1 Yafumaneka engxoweni kaLinda√/ kwaLinda√/emzini kaLinda√/ phezu kwetafile kwaLinda.√ (1)

2.1.2 Wayeqinisekile ukuba babengenabutshaba naye Linda√ babengenalwazi ngevolovolo yakhe√/kwakungekho zingxabano phakathi kwamalungu ase*Moonglow* noEddie.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

2.1.3 Yayikukuya kuphanda ngetyala lokufa kukaEddie Maga noLulama Zuma.√ (1)

2.1.4 Yayikhona ingxabano nokungaboni ngaso nye phakathi kukaEddie namalungu ase*Moonglow* kodwa uLinda akazange akubone oko.√√ (2)



X.N
SH PP
24/11/14

2.1.5 Wathi uLinda wayeqinisekile ukuba ithathwe nguEddie ivolovolo yakhe.√ (1)

2.1.6 NguJoe Bumba√ kuba nguye oveze ubukho be*tape recorder* ebekungekho mntu waziyo ngayo ethe yakufunyanwa bavela ababulali bakaEddie.√ (2)

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2014 -11- 28
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS

2.1.7 Kwenze ukuba uLinda abe kuphela komntu orhanelwayo ngokufa kukaEddie noLulama√√/uLinda akakwazanga kuwaxelela amapolisa ngezisongelo ezenziwa ngamalungu ase*Moonglow* kuEddie√√/ kwenze ukuba uLinda abanjwe engenzanga nto√√/ kwathobeka isidima sikaLinda.√√ (2)

2.1.8 Amapolisa ebexakene naye enomsindo kodwa kuthe kwakungena uHlobo wathetha ngokuzithoba okukhulu.√ (1)

2.1.9 (a) Yimpixano yangaphakathi.√ (1)

(b) Uthathe isigqibo sokuphinda aqhubekeke nophando lwakhe.√√ (2)

2.1.10 Amalungu aseMoonglow azenze ngathi angabahlobo bakaLinda kanti akunjalo, kuba kwiyelenqe lawo lokubulala uEddie azame ukosulela ityala kuLinda.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

## ISICATSHULWA B

2.2 2.2.1 Izenza uNksk.Norah Hobe√/izenza uNksk. Hobe√/izenza umakazi kaEddie.√ (1)

2.2.2 Yancedwa kukuba uEddie wayeshiyelwe ubumalana ngunina.√ (1)

2.2.3 Ilufumene kuEddie.√ (1)

2.2.4 Kubonakalisa ukuba uEddie ungumntu ofundileyo√√/
Le ntokazi ithetha la mazwi kuba izama ukuziveza njengomntu omdala ongafundanga ukuze ikholeleke ukuba ingulo mntu izenza yena.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

2.2.5 Bekungasekho lunxibelelwano phakathi kukaEddie nomakazi wakhe√√/ waduka uEddie.√√ (2)

2.2.6 Kukuba ifuna ukuvela njengomntu omdala ongahambisaniyo nezinto zobutsotsi ukuze ikholeleke xa ithi ingumakazi kaEddie√√/ ukulahla umkhondo ingaqondwa into yokuba ungomnye wabo tsotsi base*Moonglow* ithetha ngabo.√√ (2)

2.2.7 Ukuxoka azenze umakazi kaEddie√/amaqhinga okuqhatha amaMpondo abatshintshiselana nawo ngentsangu notywala√/ubugewu bokuba kwiyelenqe lokubulala uEddie√/ukuthenga idyasi efana nekaLinda√/ukusebenzisa amavili afana nasetyenziswa nguLinda√/ukuba ngumntu wokuqala

ukutyhola uLinda√/ ukuya emapoliseni athi uza kuncedisa ekufumaneni umbulali kaEddie. √

[Naziphi ezintathu kwezi.] (3)

2.2.8 B ulwimi oluqulethe ingcinga enye ebethelelekileyo√/B√/ulwimi oluqulethe ingcinga enye ebethelelekileyo.√ (1)

2.2.9 Kukuba exelele uHlobo ukuba wayenxile kangangokuba akaqinisekanga ngezinto anokuba wazenza ngobo busuku.√√ (2)

2.2.10 Ilokishi yakwaTsolo yindawo yamabobosi nentlupheko.√
Igcwele ootsotsi, nezirhoxo zotywala ezingekho mthethweni.√
Abantu bakhona bayanxila, kusoloko kusiliwa.√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (3)

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

**OKANYE**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2014 -11- 28
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS

## ICANDELO B: IDRAMA

### UMBUZO 3

***NDIYEKENI* – DM Jongilanga**

### ISICATSHULWA A

3.1 3.1.1 Kusebusuku.√ (1)

3.1.2 Sisigqibo sikaMawonga sokubiza intlanganiso yamalungu ekomiti yesikolo malunga nokunxila kukaNdila esikolweni.√ (1)

3.1.3 Ukuchaza intshukumo eyenziwa ngabalinganiswa√/iimvakalelo zabalinganiswa√/ukuxela isimo sentlalo√/ukuxelela abaseqongeni amabakwenze√/Ukubonisa ofunda incwadi xa ingadlalwa qongeni oku kuxelwe ngentla nezinto ezingakwazi kwenzeka eqongeni.√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)

3.1.4 Ngusihlalo wekomiti yesikolo√/ ulilungu lekomiti. (1)

3.1.5 Akaqali ukuba sengxakini uNdila, ze kuloo ngxaki akhutshwe nguMadala√/qho uNdila esengxakini nguMadala omncedayo√/ akaqali uNdila akuba sengxakini aze kuMadala ancedakale.√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)

3.1.6 Kungokuba kwakuphikiswana kukho iqela elihambisana noMadala nelihambisana noMawonga.√√ (2)

X.N.
24/11/14

3.1.7 B√/ulwimi oluqulethe ingcinga enye ebethelelekileyo. √ (1)

3.1.8 Kukuba uMadala ufuna uNdila avume ukumnika imali engaphezulu√√/kukuba uNdila amnike imali ethe nyi.√√ (2)

3.1.9 Intlanganiso ithathe isigqibo sokuba makarhoxe uNdila emsebenzini.√√ (2)

3.1.10 UMawonga naye uye wanxila emsebenzini, wabizelwa intlanganiso yekomiti, wacelwa ukuba arhoxe emsebenzini njengoNdila.√√ (2)

3.1.11 Umbhali umthiye igama elinguMaziko elithetha indawo ekubaswa kuyo umlilo, elihambelana nezenzo zakhe zokutshisa abanye abantu ngokubafaka ezingxakini√√/elihambelana nokubasa kwakhe imililo ethi ifake abanye abantu ezingxakini√√/ nokukhwezela iingxabano phakathi kwabanye abalinganiswa.√√ (2)

3.1.12 '... isithabathaba yinkuthazo kwaXhosa'.√ (1)

**ISICATSHULWA B**

3.2 3.2.1 UDiliza ngumntwana owayefundiswa nguMawonga√/uMawonga wayeyititshala kaDiliza√/ basela kunye.√ (1)

3.2.2 Wacengwa nguJerry kwitheko likaFuneka ukuba asele engafuni wade wavuma wabe uyaqalisa ukusela utywala√√/ wenzelwa iyelenqe wacengwa wasela√√/ wabaneentloni kuba inguye yedwa ongaseliyo ecengwa, wasela.√√ (2)

3.2.3 Elokuba makambethe uZanele.√ (1)

3.2.4 UMaziko uye kuMadala wayokumxelela ukuba uMawonga unxila esikolweni, makabonelwe icebo, warhoxa uMawonga emsebenzini kwaqeshwa uMaziko.√√ (2)

3.2.5 Ibonisa ukuba uNzima akanambeko√/uyadelela√akanayo indlela yokuthetha nabantu abadala.√ (1)

3.2.6 NguZingiwe.√ (1)

3.2.7 Kuvuthondaba.√ (1)

3.2.8 (a) Yimpixano yangaphakathi.√ (1)
(b) Uthathe isigqibo sokuzibulala.√√ (2)

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2014 -11- 28
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS

3.2.9 Yimpoxo.√ (1)

3.2.10 Yititshala engumakhwekhwetha ekufundiseni√/yititshala etshatsheleyo ekufundiseni.√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)

X.N.



24/11/14

3.2.11 UMawonga ufuna ukuba uThulethu avume ukumnika utywala ngetyala√/uyazithethelela kwimeko yakhe yokungabinamali.√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)

3.2.12 Umntu ojonge impindezelo uphela sele ezifaka engxakini√/ impindezelo onayo ngakwabanye abantu iphela iyingozi kwakuwe√/impindezelo oyenza komnye umntu ijika ibuyele kwakuwe.√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)

3.2.13 Ukungena mayana komkhuba wokusela utywala√√/ukusebenziseka kwabo kakubi kwiindawo ezifana nezikolo nasemisebenzini√√/ukusetyenziswa kwabo kwiindawo zokonwaba√√/ukusetyenziswa kotywala apho kuyilwa khona amayelenqe√√/ukucitheka kwemizi yabantu, nokuphalala kwabantu ngenxa yabo.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

**OKANYE**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2014 -11- 28
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS

**ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**

**UMBUZO 4**

***NDAKUYICELA IVUTHIWE* – LL Ngewu & EZ Guqa**

4.1 ***ITUTU LASETIKITIKI* – LL Ngewu**

4.1.1 Esikolweni eCwele.√ (1)

4.1.2 YayikuTsolo.√ (1)

4.1.3 Ukuhlaliswa kwakhe ekhaya ngenxa yokuba iinkuku. √ (1)

4.1.4 (a) B.√
(b) C.√ (2)

4.1.5 EseseCingco weba isipaji sonke setitshala yakhe√
Weba umbona neenkukhu zabantu eCwele.√ (2)

4.1.6 Sikwinqanaba lokusonjululwa kwezinto.√ Kulapho ibali lenza injikaphethu kuthi kulindeleke ukuba uThobile agwetywe avalelwe suka uThobile agwetyelwe ukuya kunyangwa kwisibhedlele sabagula ngengqondo ngeenjongo zokutshintsha isimo sakhe.√ (2)

4.1.7 Usivezela ukuba utitshalakazi akakwazi kumelana nabantwana abanezimo ezahlukileyo abafundisayo√√/ unomsindo akazimiselanga kumxolela umntwana√√/ wanele utitshalakazi sisimo somntwana.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2014 -11- 28
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS

4.1.8 Benze ukuba abazali bakhe baxambulisane, kuba utata kaThobile ebebona ukuba uThobile uqalwa bubusela wabe uMaSukude yena egxeka utata kaThobile ngokungakwazi ukuqoqosha izinto zakhe.√√ (2)

4.1.9 Ibali lingomlinganiswa uThobile oyinzalelwane yaseTikitiki, oba lisela ekhayeni, esikolweni nasekuhlaleni, ophela ebanjwa, afunyaniswe edinga uncedo loogqirha bengqondo, emva koko ancedakale, atshintshe.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

4.1.10 Liqala ibali engumntwana ongamameliyo, olisela liphele sele etshintshile ezimisele kumsebenzi wokukhulisa isizwe engajonge ntlawulo, ngoba liphela ibali sele ebizwa ngokuba nguKhonzisizwe.√√ (2)

## 4.2 *IKHIKHIZELA LASEDANGWANA* – LL Ngewu

4.2.1 NguFikizolo√/ ngutata kaFanabekho√/ ngumyeni kaMaKheswa.√ (1)

4.2.2 Makaphindaphinde amazwi kwimizekeliso kasixhenxe.√
La mazwi makawaphindaphinde mihla le.√
Xa ewaphindaphinda la mazwi makawacengceleze engaphazanyiswa nto.√

[Nasiphi isibini kwezi.] (2)

4.2.3 Izandla zikaMaKheswa zingcangcazeliswa kukoyika uFanabekho kuba wayengaqinisekanga ukuba ngunyana wakhe ngenene okanye usisithunzela√, kanti ezikaFanabekho zingcangcazeliswa yindlala√/uFanabekho wothuswa sesi sitya sikatata wakhe aphakelwa kuso.√

[Nayiphi na impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

4.2.4 UFanabekho, njengekhikhizela lona lihluma esiqwini sodiza kodwa kungavunwa nto kulo, akaloncedo ngobukho bakhe kokwabo nasentlalweni, akukho mntu uvuna nto ngobukho bakhe√√/ uFanabekho ufana nongekhoyo ebomini kuba akaloncedo, ufana nqwa nekhikhizela.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

X.N.
SH
24/11/14

4.2.5 Ukruqukile zizenzo zikaFanabekho√/ udikiwe√/ unomsindo√/ akasithandi isimo sakhe.√ (1)

4.2.6 Luhlobo awayekrelekrele ngalo esikolweni.√ (1)

4.2.7 (a) Yimpixano yangaphakathi.√ (1)
(b) Kukuzohlwaya ngexesha lakhe alichithele ebudengeni abe engakwazi ukubutshintsha ubomi bakhe√√/ukuzisola ngokungafundi.√√ (2)

4.2.8 Limfanele, kuba urhunta ngumntu ophila ubomi bobutsotsi nobusela kuba eTinarha wayephila ngobusela√√/ebesele ezinikele ukuba asele ehlala azinze enkunkumeni eyibona ukuba yinkunkuma.√√

[Nayiphi na impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

4.2.9 Umfanekiso-ntelekelelo weliso.√ (1)

4.2.10 Bendiza kuya emapoliseni ndixele ukuba ulahlekile, afunwe√/ bendiza kubhengeza koonomathotholo okanye ndibhalele kwaKhumbul'ekhaya.√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)

4.2.11 Ukhathazekile kukufumanisa ukuba yena akanankqubela ebomini bakhe√√/uzibone engento.√√ (2)

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

**OKANYE**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2014 -11- 28
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS

**ICANDELO D: ISIHOBE – *VUKANI MADODA KUSILE***

**UMBUZO 5**

**5.1 UKUNGCWATYWA KWETALENTE – C Nqakula**

5.1.1 Kukuguga ingenagalelo ekuphuculeni isizwe sayo.√ (1)

5.1.2 abbaacac √, ibonisa isingqisho.√ (2)

5.1.3 Ikhathazekile √/iyazisola. √ (1)

5.1.4 Singabisosizwe esixhomekekileyo√/esicelayo√/esifuna ukwenzelwa yonke into√/bangabi sisizwe esikhongozwayo.√ (1)

5.1.5 Uyintsika nomsimelelo√, sibonisa ukuba umntu ungumxhasi wabanye√ (2)

5.1.6 Kukugxininisa ukuba wonke umntu unendima afanele ukuyidlala ekubeni luncedo kwabanye√√/unendima afanele ukuyidlala ebomini babanye abantu√√/ kugxininisa ubunye√√/kugxininisa ubumbano.√√ (2)

5.1.7 Imisebenzi yethu neziphiwo zethu mazibe luncedo kubantu bonke.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

5.1.8 Kukusebenzela isizwe√/kukwenza imisebenzi eluncedo kwabanye abantu.√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (1)

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2014 -11- 28
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS

5.1.9 Masingashiyi umhlaba singakhange sibe negalelo esilenzileyo eluntwini naselizweni jikelele√√/ masisebenzise iitalente zethu√√/ masisebenzise iziphiwo zethu ukukhulisa isizwe. √√ (2)

5.1.10 Idala isingqisho√/iyagxininisa.√ (1)

5.1.11 Bubomi bokungashiyi msebenzi mhle√/ bubomi bokungabi lolutho esizwe. √ (1)

5.1.12 Siyangqinelana kuba imbongi ivakalisa ubuhlungu ngokuba ingakhange iyisebenzise italente yayo ukuze ibe luncedo kwabanye abantu.√√/xa ungakhange uyisebenzise italente yakho wakufa akuyishiyanga emhlabeni, mhla ungcwatywa nayo ingcwatyiwe.√√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

5.2 **INTABA KANDODA – LS Ngcangatha**

5.2.1 '... mlisela nomthinjana.'√

Imbongi ifuna nabantu abatsha bayithathele ingqalelo le nto iza kuyithetha√/itsala iingqondo zabantu abatsha.√

[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

5.2.2 Imiqolo mine kwaye inamagama amane.√√ (2)

5.2.3 Sisifaniso√

Inkangeleko yale ntaba √√ (3)

5.2.4 Ukudala isingqi√/ ukudala ukukhawuleza kwaye ibonisa ubushushu bovakalelo lwembongi.√ (1)



X-N.
SH 24/11/14

| | | |
|---|---|---|
| 5.2.5 | Yimvano-siqalo√ | (1) |
| 5.2.6 | '... ngesihomo.' √ | (1) |
| 5.2.7 | Kukugxininisa ukuphakama kwale ntaba.√√ | (2) |
| 5.2.8 | Imbongi ithabathekile yile ntaba√/ichukumisekile√/iyazingca√ | |
| | [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] | (1) |
| 5.2.9 | Kwesesi-4 imbongi ibhekisa ebantwini/kumaXhosa kanti kwesesi-5 ibhekisa kule ntaba.√√ | (2) |
| 5.2.10 | Izinto eziqulethe imbali yesizwe zibalulekile√√/kubalulekile ukuba abantu bazazi izinto ezizezexabiso zobuzwe babo. √√ | |
| | [Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] | (2) |

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**

DEPARTMENT OF BASIC EDUCATION
2014 -11- 28
PRIVATE BAG X 110
PRETORIA 0001
PUBLIC EXAMINATIONS

X.N.
24/11/14